URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Glynis Schreuder
ICandelo leKharityhulam ye-*FET*
Glynis.Schreuder@westerncape.gov.za | 021 467 2630

Inombolo yefayili: 22/2/7/4
Isalathiso: 20230113-296

INgcaciso yeCandelo leKharityhulam ye-*FET*: *DCF* 0001/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziisekondari

Isihloko: Inkxaso enikwa abafundi be*FET* ngo-2023 kusetyenziswa i-*telematics platform* nosasazo ngqo (*live streaming*) lwezifundo

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) liza kwenza izifundo ezisasazwa ngeqonga loqhagamshelwano eliyi-*interactive platform*. Izifundo ziza kusasazwa (*beamed*) ngethekhinoloji yesathelayithi ukusukela ngomhla we-23 Januwari ukuya kowe-09 Novemba 2023.

2. Ngo-2023 kuya kugxininiswa kumabanga 10 ukuya ku-12. IsiHlomelo A esiqhotyoshelweyo sichaza ishedyuli yokusasazo eneenkcukacha zezifundo, zamabanga, izihloko, imihla namaxesha.

3. Ngenxa yokuba ithayimtheyibhile iquka inani elithile lezifundo namabanga ahlukileyo, kubalulekile ukuba ootitshala nabafundi balandele le thayimtheyibhile ngenkathalo enkulu.

4. Izifundo ziya kuqhutywa apha evekini, emva kweeyure zesikolo. Ngoko ke kubalulekile ukuba iinqununu zixoxe ngamalungiselelo namabhunga olawulo azo kunye nabazali.

5. Ukubakho kwabafundi kwezi zifundo kuya kubekwa esweni rhoqo nguNdlunkulu nangamagosa ezithili.

6. Kulindeleke ukuba iinqununu zinike ingxelo rhoqo ngekota ngokubakho kwabafundi kwezi zifundo, nangempumelelo okanye ubunzima abadibene nabo kule nkqubo.

7. Izifundo neenkqubo zokuhlaziya izifundo zingasasazwa kwakhona apha enyakeni. Iishedyuli ezinjalo ziya kwenziwa zifumaneke yaye kufuneka abafundi bakhuthazwe ukuba bazisebenzise.

8. Abahlohli bezi zifundo (*presenters*) ngootitshala abakhokelayo (*lead teachers*) abakhethwe ngenxa yobungcali namava abo okufundisa izifundo.

9. Iincwadana zabafundi zesifundo ngasinye esikwiprojekthi ziya kunikwa umfundi ngamnye, o.k.t. kwezo zikolo zinethekhinoloji yesathelayithi (*satellite technology*). Zonke ezinye izikolo ziya kuzifumana iincwadana ngokungena kwiziko lewebhu le-*Telematic Schools Project* nakwi-*ePortal* yeSebe i*WCED*.

10. Ukongeza kusasazo lwesathelayithi, zonke izifundo ziya kusasazwa ngqo. Izikolo ezingenayo ithekhinoloji yesathelayithi kodwa ezikwaziyo ukungena kwi-*broadband internet service*, zicetyiswa ngamandla ukuba zisebenzise le nkqubo yokufundiswa (*tutoring program*) yasimahla igqwesileyo. Izikolo ezinqwenela ukufumana ezi zifundo zisasazwa ngqo nemathiriyeli enxulumene nazo mazibhalise ngokuqhagamshelana nenkonzo yoncedo ye-*Telematics* apha 021 808 9507 okanye 021 8084129.

11. Kukhuthazwa iinqununu ukuba zibhalise bonke abafundi bamabanga 10 ukuya ku-12 kwiziko lewebhu le-*Telematic Schools Project*. Oku kuya kwenza ukuba abafundi babenako ukufumana izifundo ezisasazwa ngqo (*live streaming*) okanye kwiziko lewebhu elisebenzisa i-intanethi engahlawulelwayo (*zero-rated website*) ngexesha elilungele bona. Iinqununu kufuneka zicele ifom yokubhalisa abafundi abaninzi ngokuthumela i-imeyili apha school@sun.ac.za.

12. Kukhuthazwa ootitshala ukuba basebenzise okanye bakhuthaze ukusetyenziswa kwezifundo ezifumaneka kwiziko lewebhu elisebenzisa i-intanethi engahlawulelwayo (*zero-rated website),* https://schools.sun.ac.za/ (iilinki kwizifundo ezifumaneka kwi-*ePortal* yeSebe i*WCED*).

13. Ukuba unayo nayiphi na imibuzo ngeli phulo, kucelwa uqhagamshelane ngokukhululekileyo noGqr G Schreuder nge-imeyili apha Glynis.Schreuder@westerncape.gov.za .

14. Kucelwa iinqununu zazise ootitshala abachaphazelekayo, abafundi bamabanga 10 ukuya ku-12 nabazali okanye abagcini babo okukule ngcaciso imfutshane ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2023-01-17